CRF
FOR LOCAL GOVERNMENT

# INCWADANA YEENDABA YECRF
## YABADLA IPENSION AGASTI 2021



Lungu Lepenshini Elibekekileyo,

Siyazi ukuba abaninzi kuni baye bachaneka kakhulu yimiqathango yokuvalwa kwento yonke ngenxa yeKHOVIDI-19 ekungenzeka ukuba ibangele ukuba abaninzi benu bangakwazi ukubona nokutyelela izihlobo zabo. Abanye benu kusenokwenzeka ukuba bebegual okanye bagulelwa ngamalungu entsapho kwaye beningakwazi ukuwatyelela okanye ukuba kunye nawo ukuze niwathuthuzele okanye nani nithuthuzelwe. Kunzima kakhulu ukuyicinga okanye ukuyibeka ngamazwi into abantu abaye badlula kuyo.

Kwincwadana yeendaba yethu yangaphambidlana ngoMatshi, siye sanazisa ukuba niza kunyuselwa nge-2.2% yomlinganiselo wokunyuka kwamaxabiso ezinto kulo nyaka nokuba ngaphezu koko amaLungu Etrasti avumile ukuba ngokukhethekileyo ninyuselwe nge-2.3%, ibe xa iyonke imali enonyuselwe ngayo yi-4.5%! Le mali yonyusiweyo iqalise ukusebenza yaza yabhatalwa ukususela ngoMatshi 2021.

Siphinde sanazisa ngebhonasi eyi-100% yepenshini yakho yenyanga ebhatalwe kuni ngoDisemba wonyaka ophelileyo.

**Isizathu sale ncwadana yeendaba ekhethekileyo kukuba sinezinye iindaba ezimnandi...**

**INININI IMIHLA ELANDELAYO YOKWAMKELA IPENSHINI KULO NYAKA?**
20 Agasti, 22 Septemba, 22 Okthobha, 22 Novemba, 15 Disemba

**UNCEDO LUSENDLELENI!!**
**Ibhonasi yoncedo lweKHOVIDI iza kubhatalwa ngoAgasti!**
Siyaqonda ukuba ubhubhani ofana nalo uhamba neengxaki zemali. Ngoko kuyasivuyisa ukuniphathela iiindaba ezimnandi kakhulu kula maxesha anzima esizifumana sikuwo. Kwintlanganiso kaJulayi iBhodi Yetrasti KaCRF igqibe ekubeni ibhatale abatya ipenshini **ibhonasi ekhethekileyo eyipenshini YONYAKA ebhatalwa kanye** (iyiphinda kali-12 ipenshini yenyanga)! Sikwazile ukuyenza le bhonasi ngenxa yemeko esemagqabini yeemali zePensioner Portfolio ibe iza kubhatalwa kubo BONKE abebefumana ipenshini kwiNgxowa-mali ngaphambi kowama-30 kuJuni 2020, ibe kuya kuxhomekeka ekubeni ipenshini ibisabhatalwa ngowama-31 kuJulayi 2021. Le bhonasi iza kufakwa kwiiakhawunti zenu kunye nepenshini yenu yenyanga ngomhla we-20 kuAgasti. Siyathemba ukuba niza kulisebenzisa ngobunono eli cham kwaye Siyathemba ukuba liza kubunciphisa ubunzima balo nyaka unesiqingatha udluleyo.

**Ize njani le bhonasi?**

Emveni kweminyaka, ulawulo olufanelekileyo kunye neendlela ezilumkileyo zokutyala imali zamaLungu Etrasti kunye neqela lawo lotyalo-mali zenze ukuba iPensioner Portfolio ibe nesixa esikhulu semali eyintsalela.

**Isilumkiso…**

Ukhumbule ukuba, kukho iimali eziqhelekileyo eziza kutsalwa ibe le mali iza hlawulelwa irhafu Ngokwemimiselo yakwaSARS.

Kwakhona, kufuneka sinikhumbuze ukuba iibhonasi zinako kuphela ukubhatalwa ukuba iPensioner Portfolio ivelisa imbuyekezo elungileyo ngokwaneleyo ukuba kwenziwe ezo ntlawulo. emveni kweminyaka, wena njengomntu obefumana ipenshini kwaCRF uye wayiqhela into yokufumana ibhonasi yonyaka ngoDisemba. Nceda ukhumbule ke ukuba ayiqinisekiswanga ibe ayifanelanga ilindelwe.

Kodwa ke qiniseka ngale, amaLungu Etrasti eNgxowa-mali yakho aye akuhoya ukususela oko wathatha umhlala-phantsi ibe azimisele ukuqhubeka esenza loo nto. Ngokwangoku, zincome okanye uncome iqabane ngokukhetha uCRF ukuba abe yiNgxowa-mali ekuhoyileni ngexesha lomhlala-phantsi. Kungenzeka ukuba eso sesona sigqibo sihle okhe wasenza ebomini bakho!

Abaninzi kuni abaye bathatha umhlala-phantsi kutshanje kungenzeka baye beva ukuba umhlala-phantsi sisiqalo nje solunye uhambo! Ndiqinisekile ukuba nifuna ukuyiphikisa loo nto emva kweKHOVIDI! Kodwa ke, iza kudlula nale. Asazi nini, kodwa de kube ngoko, zigcineni nikhuselekile kwaye nihlale nisempilweni.

Ndinibulisa nonke de kube yincwadana yeendaba yethu elandelayo. Ozithobileyo,
Usihlalo Wenu – Soyisile Mokweni

**UNXIBELELWANO OLUYA KWABADLA IPENSHINI**

Sinithumelela incwadana yeendaba ngoMatshi minyaka le ibe ngamanye amaxesha, xa kukho iindaba esifuna ukuzidlulisela kuni, siye sishicilele isaziso kwisilipu sokwamkela senyanga selungu lepenshini. Sisebenzisa le ndlela yokunxibelelana ukuze nihlale nisazi ezisematheni okanye njengesikhumbuzo ngezinto ekufuneka niziqaphele, umzekelo zii-IRP 5 zenu.

0861 CRFUND (0861 273 863) | WhatsApp: 021 915 3500
support@crfund.co.za | www.crfund.co.za
PO Box 4740, Tyger Valley 7536
CRF Building, 3rd Floor, 4 Bridal Close, Tyger Falls, Bellville 7530 Inombolo Yobhaliso YeConsolidated Retirement Fund for Local Government: 12/8/32689/2

Ibhodi Yetrasti: Mnu SA Mokweni (Usihlalo), Mnu JJ Wagner (Usekela-sihlalo),
Mnu PJS Gouws, Mnu IR Iversen, Mnu TA Loko, Mnu PJF Louw, Mnu L Mbandazayo, Nkszn C Meyer,
Mnu AM Owen, Mnu ET Scott, Mnu SN Toni, Mnu FA Willemse.
IGosa Eliyintloko Lesigqeba: Mnu RC Wentworth

AMAZWI OKUZIHLAMBA ETYALENI: I-CRF for Local Government ayamkeli mbopheleko ngayo nayiphi na ilahleko, umonakalo okanye iindleko ezinokufumaneka ngenxa yomphumo ongqalileyo wokuthembela kwinkcazelo ekolu xwebhu. Xa kungenzeka kubekho impikiswano phakathi kolu xwebhu eyona mithetho yengxowa-mali izakoyisa.